**IsiKhokhelo sokuSetyenziswa koMgaqonkqubo woLwimi eUCT**

Injongo yesiKhokhelo sokusetyenziswa komgaqonkqubo wolwimi kwiYunivesithi yaseKapa kukukhokhela iifakhalthi namacandelo ukuphuhlisa izicwangciso zawo ngokusetyenziswa komgaqonkqubo wolwimi:

1. Ukubekelwa kweelwimi zokufundisa nokufunda zigqale kwiinkalo zezifundo;
2. Uphuhliso nokukhuthazwa kweelwimi zemveli njengenkalo yokufunda kwinzululwazi yenkcubeko yemfundo nophando;
3. Nokukhuthazwa kweendlela zokusebenzisa iilwimi ezininizi kwizikomfundo.

Kufuneka esi sikhokhelo sifundwe nomgaqonkqubo wolwimi weyunivesithi.

| Izinyanzeliso zomgaqonkqubo | Izikhokelo zokusebenzisa |
|---|---|
| 1. Ukubekelwa kweelwimi zokufundisa nokufunda zigqale kwiinkalo zezifundo | |
| IsiXhosa siza kuxhotyiswa kakhulu njengolwimi lokufunda, ukufundisa nokuvavanya ngohambelana nesiNgesi. Ukongeza, ukusetyenziswa kweelwimi zonke zaseMzantsi Afrika ezisemthethweni, ukukhuthaza ukufundisa, ukufunda nokuvavanya. | - Izixhobo zokusebenza ziquka kodwa aziphelelanga kuphuliso lwemathiriyeli, inguqulelo nokudala iiglosari zokusetyenziswa kweelwimi ezininzi, izibonelelo zeenkonzo zokutolika.<br>- Kuza kusetyenziswa icebo elisisicwangciso sokufundisa nokufunda ezifana nephedagoji yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi.<br>- Yakuba imiselwe iyunithi yezeelwimi, uvavanyo lungaqulelwa kwiilwimi zaseUCT njengoko naxa kuyimfuneko. |
| Bonke abafundi abafunda izidanga zokuqala (ngokwamabakala eSAQA NQF 5-7) abangenalo ulwimi olwalujongelwe phantsi ngaphambili njengenkalo yesifundo kuGreyidi 12, okanye abangakwazi ukusebenzisa ulwimi lwemveli kwilwimi zaseAfrika, bayakhuthazwa bathathe ikhosi yonxibelelwano ngesiXhosa. | Iifakhalthi ezingenakhosii kwiilwimi zemveli zaseAfrika ziyakhuthazwa ukuba ziziquke ezi khosi kwikharityhula (bona iikhosi ezifundiswa kwiFakhalthi yeNzululwazi yezeMpilo (Health Sciences). |
| IYunivesithi iza kusebenzela ukucela ukuguqulela iiabstrakthi zePhD kulwimi lwemveli olwalujongelwe phantsi ngaphambili eMzantsi Afrika.<br><br>Abafundi baza kukhuthazwa babhale baze bavelise ithisisi ngeelwimi zemveli ezisemthethweni eMzantsi Afrika apho kufanelekileyo nalapho kukho umnqweno. | Ukumiselwa kweyunithi yezeelwimi eza kunika iinkonzo zenguqulelo zeelwimi ezisemthethweni kwiifakhalthi namacandelo eyunivesithi xa kukho isicelo. |
| 2. Ukuphuhliswa nokukhuthazwa kweelwimi zemveli njengeenkalo zenkcubeko yemfundo nophando. | |
| Iyunivesithi izimisele ukukhuthaza uphando nemfundo ngeelwimi zemveli nakwiilwimi zemveli ngoku kwiilwimi zesintu ngokubonelela ngezibonelelo. | - Kuza kuxhaswa abaphandi abaqhuba uphando kwiilwimi zemveli nangeelwimi zemveli.<br>-Uphuhliso lwezixhobo zokusebenzisa iilwimi ezinjengeeglosari, imibhalo, njlnjl.<br>-Ukuxhasa uphando lweephedagoji zokusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwimfundo ephakamileyo.<br>-Uphuhliso lokusebenzisa i-software efanelekileyo ukuxhasa iilwimi ezazijongelwe phantsi ngaphambili zibe zizixhobo zonxibelelwano. |
| - 3. Ukukhuthazwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi kwizikomfundo | |
| Kufuneka unxibelelwano lwangaphakthi kwizikomfundo olufana kodwa olungaphelelanga kwizibhengezo/kwizaziso zekhampasi, iindaba zeUCT, izaziso njlnjl, zihanjiswe/zisasazwe ngokwezigaba, okanye zonke iilwimi ezisemthethweni kwizikomfundo ezifanele umcimbi othile nohlobo lonxibelelwano. Oku kuza kwenziwa ngokulinganisa imiqulu (documents) yasepalamente, ngakumbi ngokuphathelene nemizuzu yeyunivesithi. | Cinga ngabantu oza kunxibelelana nabo/ababukeli xa ucwangcisa ukusasaza nokuhambisa unxibelelwano lwangaphakathi. |

Translation of the university communications, this will be done emulating the parliamentary approach. The approach will be provision of translation services will be dependent on request and the significance of the document.

| | |
|---|---|
| Kufuneka iilwimi ezimbini nangaphezulu ezisemthethweni weyunivesithi zisetyenziswe (apho kufanelekileyo ikhatshwe yitoliki yeSASL) njengeelwimi zonxulumano kwimicimbi esemthethweni efana namatheko othweso zidanga. | Ucwangciso lwezibonelelo zeenkonzo zokutolika olucingela abantu ekujoliswe kubo. |
| Iilwimi ezisemthethweni weyunivesithi kufuneka zisetyenziswe kunxulumano olubhaliweyo kuquka kodwa lungaphelelanga kwiileta, imemoranda, olindixesha bonxuluma ngeUCT, imizuzu yeentlanganiso ezisemthethweni, njlnjl. Kufuneka iwebhusayithi yaseUCT neewebhu-pheyiji zeefakhalthi zifumaneke kwiilwimi ezisemthethweni zeyunivesithi. Kufuneka izalathisi/isayineji zibe kwiilwimi ezininzi ezisetyenziswayo nezisemthethweni weyunivesithi. | -Cinga ngabantu abalungiselwayo xa kucwangciswa kusasazwa unxulumano ngeeleta, imemoranda, ulindixesha wonxibelelwano eUCT, imizuzu yentlanganiso ezisemthethweni, njlnjl.<br>- Abaphathi bewebhusayithi banoxanduva lokuhlaziya ngokutsha nokugcina ukusebenza kakuhle kwewebhusayithi yomgaqonkqubo eUCT.<br>- Yakuba imiselwe iyunithi yokusetyenziswa kweelwimi ezininzi kufuneka iisayineji ihlaziywe iphuculwe yiyunithi. |
| Kufuneka imathiriyeli yonxibelelwano nokwazisa ibonise ukuzimisela ekusebenziseni iilwimi zeYunivesithi YaseKapa, isebenzise ulwimi olufanele abantu abaza kulusebenzisa. IUCT iyawuhlonipha umgaqonkqubo weelwimi ngokukhethwa kolwimi ngabathathinxaxheba, ababambisene nayo nabanxulumani abangaphandle eyunivesithi ukulungiselela iminqweno yabo ngezeelwimi njengokuba ezi ziyinxalenye yeelwimi ezisemthethweni eMzantsi Afrika. | Kufuneka imathiriyeli yonxulumano nokwazisa icwangciswe ngexesha ukuqinisekisa ukuba ihambelana nokusetyenziswa kweelwimi ezininzi zeyunivesithi |

**Ukubeka iliso nokuNgenelela**

Ikomiti Yomgaqonkqubo woLwimi inoxnduva lokubek'iliso ekusetyenzisweni komgaqonkqubo. Imibuzo nenkxalabo ngemiba yomgaqonkqubo wolwimi, kufuneka abasebenzi nabafundi baye kwabalawulayo/kwigunya lefakhalthi okanye iSebe leMicimbi yaBafundi okanye iOfisi yoQuko neNguqu ukufumana uncedo.

**Uhlolo**

Imibiko ngokusetyenziswa komgaqonkqubo wolwimi iza kuhlanganiswa yiKomiti Yomgaqonkqubo woLwimi ngexesha abayifumana ngalo ivela kwiifakhalthi namacandelo. Iza kungeniswa qho ngonyaka kumhlalingaphambili weSinethi.